**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesibini)**

---

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

***Aweselwa*** **- Kwetana W.M. (Umqokeleli)**

| | | |
|---|---|---|
| 1.1 | Yintyatyambo. | (1) |
| 1.2 | Ezixhotyeni / emaweni. | (1) |
| 1.3 | Njengetshawekazi. | (1) |
| 1.4 | Zole, cwaka. | (2) |
| 1.5 | Ifana nekhephu. | (2) |
| 1.6 | Zizityalo. | (1) |
| 1.7 | Lushiyo lwezikhamiso. | (1) |
| 1.8 | Yakha isingqisho / Yenza ukuba intetho ibumbane. | (1) **[10]** |

### UMBUZO 2

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.1 | 2.1.1 | Ngabantu abakukhohlisayo, abenza ngathi bayakuthanda. | (2) |
| | 2.1.2 | Kungokuba uyoyikwa, unamandla. | (2) |
| | 2.1.3 | Luphinda-phindo nochasaniso. | (2) |
| | 2.1.4 | Ushiyo lwesikhamiso lwenza ukuba intetho ibumbane. / Lwakha isingqisho. | 1x2=(2) |
| | 2.1.5 | Sisikhahlelo. | (1) |
| | 2.1.6.1 | Isilo. | (1) |
| | 2.1.6.2 | Yanga ziibhasi. | (1) |
| | 2.1.7 | Imigca 10 nowe - 12. | (2) |
| | 2.1.8 | Ziindaba ezingenasihlahla. | (2) **[15]** |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.2 | 2.2.1 | Tywala Ungumlahlekisi. | (1) |
| | 2.2.2 | - Makudilizwe iibhari.<br>- Iidiliya mazivunelw' emlonyeni.<br>- Agwetywe ngokungenanceba lowo ufunyenwe esela. | 1x3=(3) |
| | 2.2.3 | Kungenjalo isizwe masincame. | (2) |
| | 2.2.4 | Siseza kuphela isizwe./ Baza kufa baphele abantu. | (2) |
| | 2.2.5 | Ziindawo ezithengisa utywala. | (2) |
| | 2.2.6 | Sisimntwiso. | (1) |
| | 2.2.7 | Imigca 7 nowe 8. | (2) |
| | 2.2.8 | Imvano-siqalo / Ushiyo lwesikhamiso. | (1) |
| | 2.2.9 | Kuyisela / ukuyifinca / ukuyigqibezela. | (1) |
| | | | **[15]** |

2.3 Kumhlathi wokuqala imbongi isebenzise izikweko ngeenjongo zokunika umfanekiso ocace gca ngale nto ithetha ngayo apha.

Umgca - 1. Imbongi isebenzise isikweko esiphuhlisa ukubaluleka kwemfundo. Ithi 'sisixhobo' esi sixhobo sibukhali. Obu bukhali ngamandla emfundo.
Umgca - 2. 'Ngumvuli' Ikwasisikweko esibonisa umsebenzi wemfundo. Ivula zonke iingcango. Umntu ofundileyo uba nendlela yokuziphilisa ebomini kuba uphethe isitshixo sempumelelo.
Imigca 3-4. Ithi imbongi umntu ofundileyo 'Ngumfungeli wal' ukhanyo'. Xa sel' ufundile ubumnyama abukho kuwe, uselukhanyweni. Isikweko esicacisa umahluko phakathi komntu ofundileyo nongafundanga.
Umgca - 5. 'Ngumxonxi-simo somntu'. Sisikweko esikhethwe ukuba sibonise ukuba imfundo iyamakha umntu. Iyamxonxa / iyambumba abe mntu wumbi. Isimilo sakhe siqoqeke angabi yindlavini nje.
Umgca - 6. Imbongi isebenzise isikweko kwakhona 'Ngumseki-ntlalo'. Imfundo iyayiseka / iyayakha intlalo yomntu.
Imigca 7 - 8. Umntu ofundileyo akavami ukusebenzisa amandla. Ndaweni yoko usebenzisa ingqondo.
Loo nto ithetha ukuthi imisebenzi aza kuyenza xa ephangela yimisebenzi esebenzisa ingqondo, hayi amandla. Kwakhona neengxaki zakhe zobomi akavami ukuzixazulula ngamandla (ukulwa) koko usebenzisa obu buchopho ithi imbongi sebabhucwa.
Imigca 9 - 10. Imbongi ibhekisa koPhezu-konke, icela ikhwele lokukhwel' inqanawe yenkcubeko. Ngamanye amazwi ineminqweno yokufana nabantu abafundileyo, ngempucuko / ukuchubeka.
Imigca 11 - 12. Imbongi isebenzise isifanekiso-zwi 'finini'. Isifanekiso-zwi esi isisebenzisele ukunika owona mfanekiso uqaqambileyo womntu ongafuni kwenza nto ngobomi bakhe. Ithi ke yona " ithanda ujizelo-mafini. Yimpumelelo leyo. Ifuna ukunqandwa ziinkwenkwezi. **[15]**

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.4 | 2.4.1 | Ingoma. | (1) |
| | 2.4.2 | Zizikweko. | (1) |
| | 2.4.3 | Iqinisa amagwala. | (2) |

2.4.4.1 Umgca - 9. (1)
2.4.4.2 Umgca - 10. (1)
2.4.5 - Ubuciko
- Ukubonga
- Ukuyolisa
- Ukutyhuluba. 1x4=(4)
2.4.6 Iphulaphulwa ngeendlebe./ Ivakala kamnandi ezindlebeni. (2)
2.4.7 Kukuvela / ukutyhilwa. (1)
2.4.8 Ngabantu abakwazi ukuxhentsa kakuhle. (2)
[15]
[30]
[40]

## ICANDELO B

### UMBUZO 3

*Inzonzobila* – **B B Mkhonto**

Nazi iingongoma ekulindeleke ukuba angacangcatha phezu kwazo umvavanywa:

-UDlangisa ligosa eliphezulu lesekethe, usisandla sikamfundisi Mgqwaki. Njengesandla somfundisi, unelungelo lokwenza umsebenzi wonke owenziwa ngumfundisi enkonzweni. Lo mlinganiswa ukwangumntu onezinto zakhe, sisigwili esaziwayo kwelaseKapa. Unamashishini aliqela ungumntu ongaswele nto tu kwaphela.
- Nangona eneentsiba ukwanawo umona, akafuni ukubona abanye abantu bephumelela. Wakha watshisa ivenkile kaZinzo, kodwa akazange abanjwe kuba wasebenzisa amacebo akhe waza akaziwa ukuba nguye osemva kokutsha kwaloo venkile.
-UDlangisa ungomnye wemigulukudu eshishina ngeziyobisi kwelo laseKapa. Le misebenzi ke uyenza ngomnyama, ukuze emini abonakale njengomntu wenkonzo.
-Uneqela lemigulukudu asebenzisana nalo, nekhokelwa nguSpeedo. Phofu yona le migulukudu ayazani naDlangisa kuba imazi ngegama likaSigcawu, kwaye badibana ngomnxeba kuphela. Lo mfo kaMaqhwa ukhohlakele kakhulu enjalo nje kuba waphatha kakubi uNomafa awayencuma naye akumazisa ukuba unzima. Wamngcungcuthekisa ngolona hlobo waza wagqibela ngokumlahla kwesinomhlwa neso sisu akuba esikhanyele.
-UNomafa wacholwa nguZinzo ekuloo meko yayingaginyisi-mathe, waza wamtshata. Umntwana wabo wakhuliswa nguZinzo, wamthatha njengowakhe, wamfundisa wada waphumelela emagqabini kumsebenzi wokuba nguGqirha.
-Kwathi akubona lonyana wakhe egqibe ukufunda, waqala wenza amayelenqe okufuna ukumrhwebeshela ngakwicala lakhe.
-Isimanga kukuba efuna lonyana wakhe nje, akazange ayixelele inkosikazi yakhe ngaye, kwaye wayesele eceba ukugcagca noNomafa noBhongo aye kutsho nabo eMelika. Ngamanye amazwi wayeza kumshiya ethe nca izisini uNomatshawe oyinkosikazi yakhe.

-UDlangisa akasifaneli esi sikhundla akuso ngenxa yezenzo nesimilo sakhe esigwenxa.
-Ubenenzondo emangalisayo akugqiba ukuzibiza njengekholwa. Ubengafuni nokumbona uZinzo umyeni kaNomafa. Wayesoloko emchukela qho apho ambona khona.
-Ezinkonzweni nasemifihlweni wayeshumayela ngaye, emkwekwa, emthuka. Ngalo lonke elo xesha uZinzo akanalwazi lonobangela wokuchukelwa ngulo Dlangisa. '

-Kwathi noZinzo sel' edikwe ngeyokosa, wamfuna esiqwini uDlangisa mini kwakusenziwa amalungiselelo okufihla umfundisi. Nangawo lo mhla uDlangisa wayenhyukulana nalo Zinzo phakathi kwamanye amadoda. Kulapho uZinzo wambonisa ukuba akamoyiki nakancinane, koko ebemhlonipha nje njengomntu omkhulu ebandleni.
-UZinzo wacela kuMpahla ukuba amqeshisele ivenkile yakhe neyayisetyenziswa nguDlangisa. Wacaphuka gqitha uDlangisa kuba engafuni ukubona uZinzo ephumelela, waza waqesha ootsotsi bakhe ukuba baye kuqhekeza emzini kaZinzo, baze bathwale inkosikazi yakhe bayise ehotela ese-Sea-point. Emva koko baze baye kutshisa ivenkile kaMpahla le isetyenziswa nguDlangisa. Ngenene ke ootsotsi benza njengomyalelo wakhe.

-Isimilo sikaDlangisa asivumelani tu nesikhundla akuso. Yonke imisebenzi yakhe igwenxa kodwa yena uphambili eCaweni. Ukhohlakele kwaye unentliziyo embi. Akanalo uvelwano komnye umntu.
-Akanalo ilungelo lokuphatha inkonzo kuba nakwintshumayelo yakhe wayeshumayela ngabantu endaweni yokushumayela ilizwi leNkosi. Akanguwo umzekelo omhle ngenxa yesi similo sakhe.
-Emva kokuba enze loo miyayelo yokutshiswa kwevenkile nokuthwalwa kwenkosikazi kaZinzo, waya esikhululweni samapolisa esiya kumangalela uZinzo noMpahla, ebatyhola ngokumtshisela ivenkile. Ukwalilo nemene-mene enjalo nje. Yintoni anokuyifundisa abantu enkonzweni xa enje?
-Akuba ebanjiwe nguSajini Pozina emzini kaZinzo ngelixa wayeye kuxelela uBhongo ukuba oyena tata wakhe nguye, hayi laa nja ingazaliyo inguZinzo, wakhupha umpu ezama ukubulala uZinzo.
-Ngaloo ndlela ke akoyiki nokubulala okanye ungumbulali akugqiba ukuba ngumntu ophezulu kangako enkonzweni.
-Ngenene nangenyaniso esi sikhundla akuso siyamkhanyela, asimfanelanga tu kwaphela. **[30]**

**OKANYE**

3.2

3.2.1 NguDlangisa noNomatshawe. (2)
3.2.2 Emzini wabo./ KwaDlangisa. (1)
3.2.3 NguMpahla noZinzo. (2)
3.2.4 Bayayohlutha kuye. (1)
3.2.5 UMpahla ufuna ukuyinika uZinzo. (1)
3.2.6 Kukubabeka elisweni. (2)
3.2.7 UDlangisa ubone inqanaba kwiphepha-ndaba elithetha ngokuba le venkile kaMpahla ayisebenzisayo iza kunikezelwa uZinzo, ukuze athengisele utywala kuyo. Ngoku uDlangisa uzimisele ukuziphindisela. (4)
3.2.8 UDlangisa watsalela izikrelemnqa umnxeba, esithi kwangobo busuku zize ziye kutshise le venkile. Kwakhona zize ziye kwindlu engunombolo N919 zithabathe ezikunqwenelayo, zithwale inkosikazi yelo khaya ziyise eWinchester Hotel, eSea Point.
Emva koko wahamba waya esikhululweni samapolisa, wafika wathi makuvalelwe uMpahla noZinzo kuba ingabo abatshisi bevenkile.
Kwangobo busuku waya egumbini likaBhongo esiya kumxelela ukuba nguye uyise omzalayo, hayi laa nja inguZinzo. (5)

3.2.9 Zezexabiso eliphezulu. (1)
3.2.10 Baya kumela iPhondo laseKapa kwinkongolo yenkonzo eseMelika. (2)
3.2.11 NguSomashishini ekwaliGosa lesekethe. (2)
3.2.12 UBhotile lo nguZinzo. Ucatshukiswa kukuba uDlangisa akashumayeli lizwi likaThixo xa eseQongeni, koko ushumayela ngabantu ngakumbi yena Zinzo. (3)
3.2.13 Ngabantu abangaphucukanga/ abangafundanga. (1)
3.2.14 Hayi zange baye. (1)
3.2.15 ENyanga, eKapa. (2)
[30]
[30]

## ICANDELO C

## UMBUZO 4

4.1
Nazi ezinye iingongoma ezingalindeleka kwiinzame ezenziwa nguYoliswa ukuphumeza umnqweno wakhe:
-UYoliswa wafika eTshotshandive eze kufuna umsebenzi wokukorekisha amaphepha eemviwo zebanga lesiBhozo. Wayehamba noNomvuyo umhlobokazi wakhe, bafikela kuMnu. Simeli Sixaba nowayephethe iqela elalikorekisha ulwimi lweenkobe.
-Wayezazi ukuba mhle lo Yoliswandini, kwaye efanelwa lilaphu lomLungu. Wafika ke kweli qela enxibe kakuhle ngolona hlobo. Wayetsho ngeebhengele zesilivere ezihlahleni. Wayefake ezo ncindi zibomvu emlonyeni nemithombothi yesiLungu enuka kamnandi ngolona hlobo.
-Kwathi akungena emnyango ayana ngamehlo onke loo mabhinqa ayekwelo gumbi, ngelixa amarhwanqa ayethinta-thinta izikhohlela. Wayemhle umntwana womntu egqibelele.

-Ngenxa yobu buhle, wathabatheka noSimeli yile ntokazi yaseKapa. Noxa wawulandula umsebenzi, wathi kuYoliswa aze abuye ngengomso ukuza kukroba ukuba singa-fumaneka na isithuba somntu omnye. Ngenene wabuya uYoliswa, waza uSimeli wamcela ukuba ampheleke ukuya ePitoli ukusa amaphepha eemviwo kwi-ofisi zalapho. Endleleni eya kuloo Pitoli, baqala bancokola ngezinto ezininzi zobomi. Kulapho uSimeli wafumanisa ukuba le ntombi ayenelanga kuba ntle nje kuphela, koko ivuthiwe nasengqondweni.
-UYoliswa wayeman' ukuqutha umlomo wakhe ngendledlana apha eyayimenza athabatheke nangakumbi umnumzana lo. Kwaba nzima ukuzibamba kumfo wasemzini, wazibika entombini noxa wayengazi ukuba akayi kuphoxwa na ngulo mntwana uselula kangako kunaye?
-Enye into eyamenza wathabatheka nangakumbi uSimeli yile ntombazana, kukuba ubuso bayo namehlo ayo ayengamthengiseli nto tu kwaphela.
-Kwathi akuba ede wazincama, wazithethela kuYoliswa, akazange avunywe ngokukhawuleza. Kaloku intombi le yayizazi iindlela zokuzenzelela emntwini oliduna. Samkelwa ke isicelo sikaSimeli ekugqibeleni, baza bathembisana ukuba abasayi kubabonisa abo baphangela nabo ukuba bayevana.
-Wangena ke uYoliswa esipanini sikaSimeli wasebenza kakhulu, kunjalo nje wayewazi nomsebenzi wakhe.
-UNomvelelo owayengomnye kwisipani sikaSimeli, nowayezalana noYoliswa kuba

bengooDikela bobabini, wakha wazama ukucebisa uYoliswa. Efuna nokwazi ukuba kutheni na ezinganga ngendoda etshatileyo esemncinane olo hlobo? Wakhamnisa ng' a akuva indlela awayezithethelela ngayo uYoliswa. Wafa namthanyana neenzame zakhe zokuzama ukwahlukanisa abo babini. UYoliswa wayemfuna uSimeli etshatile engatshatanga.
-UYoliswa lo wayemfuna ngenene umlingane oliduna, amazwi elizwi leduna, nomcebisi okwaliduna.
- Watyhilela uSimeli iingxaki ajongene nazo ekhayeni lakhe, zabazali abohlukana kudala, nezakhe zokungafuni ukutshata notata womntwana wakhe kuba engasebenzi.
-Wamxelela nangeengxaki anazo kwicala lemali. Waza noSimeli wathembisa ukuba uza kumnceda ngazo zonke iindlela ukumothula umthwalo anawo ebomini.
-Wazifaka zaphelela iinzipho zakhe kulo mfo wasemzini uYoliswa. Wayedla ngokuboleka iimali ezinkulu kube nzima ukuzibuyisa. Wayesuka lee eKapa aze kuqesha ihotela ekufuphi nomzi kaSimeli. Wayedla ngokuza noNomasomi intombi yakhe, ukuze ithengelwe iimpahla nguSimeli.
-Kwathi akuqonda ukuba iindaba zokuthandana kwakhe noSimeli zifikelele nakumkakhe, waqala ngoku *wafonela* uSimeli emzini wakhe.
-Ubedla ngokuhleka okanye athuke uNokwanda unkosikazi kaSimeli ukuba uphendulwe nguye umnxeba.
USimeli noNokwanda babedla ngokulwa kakhulu emva kwale minxeba kaYoliswa, atsho uSimeli akhalale emzini wakhe aye kuphozisa kuYoliswa.
-Wangena waphelela emzini kaSimeli uYoliswa, ezama ukwahlukanisa uSimeli nenkosikazi yakhe.
-USimeli wada wabona ukuba le ntombi yaseKapa imchithela umzi, kwaye imgqibela nemali.
-Ngenye imini wabiza imali yakhe engama-R500 neyayibolekwe nguYoliswa esithi uza kuyibuyisa. Wothuka kakhulu uYoliswa akuva ukuba kanti hleliwe nje utyala uSimeli. Ngelakhe wayengazi ukuba kumele ayihlawule imali ayibolekwe nguSimeli. Ngamanye amazwi wayengawazi umahluko phakathi kwemali ayibolekwayo nayiphiwayo.
-Wavakala uSimeli esithi irente kaYoliswa iphakeme. Kumhla baxabana de bagqibela ngokwehlukana kodwa babesentlungwini engathethekiyo bobabini.

- Umvavanywa uya kuzibeka endaweni kaYoliswa owayeneengxaki zemali ekwaneengxaki zabazali bakhe. Achaze ukuba yena ubenokuzisombulula njani na ezo ngxaki zakhe?
- Nayiphi na impendulo iyakwamkeleka ukubangaba umvavanywa ukwazile ukuzixhasa izimvo zakhe ngokuphucukileyo nangokuvokothekayo. **[30]**

**OKANYE**

4.2
- 4.2.1 NguSimeli. (1)
- 4.2.2 Emzini kaSimeli. (1)
- 4.2.3 NguNokwanda nomzala wakhe uTshobiso. (2)
- 4.2.4 Ibimqhula / Imncokolisa. (2)
- 4.2.5 UNokwanda wayequmbe esisifu emva kokuba eve ngoNondotsololo ukuba umyeni wakhe uSimeli uthandana nentombi yaseKapa aphangela nayo.

Eli zulu libi kangaka nale heke ingavulekiyo ngumqondiso wengxabano nomlo oza kubakho phakathi kwesi sibini ngenxa yale ntokazi kuthiwa intle, imhlophe okweQheyakazi. (4)

4.2.6 Hayi akazange alithabathe. Wala ukusombulula le ngxaki nomzala kaNokwanda, watsho esithi naye komlungela eze nabathetheleli bakhe, abantu bakowabo ukuze angagwetywa kuba engenamthetheleli. Bakuba befikile abakowabo, nalapho kwacaca nje ukuba iChwamakazi eli lingene laphelela empilweni yale ndoda. La macala omabini akazange ade afikelele kwisisombululo. Ingxabano yaya phambili kweli khaya, sel' iphenjelelwa nalilo iChwamakazi ngeminxeba eliyitsalela umnini-mzi lo phambi kwenkosikazi yakhe. (4)

4.2.7 NguMabhovu noMkwena. (2)

4.2.8 NguNomvelelo. (1)

4.2.9 NguYoliswa. (1)

4.2.10 Kaloku uSimeli lo unenkosikazi nabantwana, uYoliswa yena uyafihlwa. (2)

4.2.11 UYoliswa wazenza ngathi uyamthanda uSimeli kanti wayejonge ukumtyela imali yakhe. (4)

4.2.12 UYoliswa unomlomo, uthetha gqitha. (2)

4.2.13 ESoshanguve / ePitoli. (1)

4.2.14 Kaloku naye wayemncwasile uSimeli. (2)

4.2.15 NguNokwanda. (1)

**[30]**

**[30]**

**100**

**ISIPHELO**